

# IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.] \_\_\_\_\_ KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JANUARY 26, 1887.

[No. 116.

## Kuwo Wonke Umzi Ontsundu!

Xa Sukuba nityelela e QONCE, pambi kokuba **nizitengele** Impahla

*Yitini Gxada kwisitora se Ngubo, njalo, njalo, so*

### DYER AND DYER

Nizanelise kwimpahla yabo enyulwe ngenyameko,—apo ontsundu alungiselelewe ngocoselelo.

*Yonke Impahla ibhalwe amaxabiso okugqibela ebupantsini.*

YIZANI KUZIBONELA NGOKWENI.

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

**J. E. L. KULLING,**  
*ONYANGA NGEMITI YASE KOLONI*  
NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelele kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele xa umntu ebehlwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.  
Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/  
Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/  
Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge botile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/. ne 22/  
Oka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama dyungundungu—linge mbizana 2/., 5/-, 11/-, ne 22/. inye.  
Oka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/.

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e Koloni ezi hleli zigciniwe.  
Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlaumbi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungelelo ngenali encinane.

**Indlu Yamayeza.**

LO ogama lise zantsi unqwenela ukwazisa abantu banga pesheya kwe Nciba ukuba ngoku uli Gosa lo B. G. LENNON & CO. (abona banganisi mayeza bayi ntloko e Koloni) unokuba tengisela amayeza ngama xabiso ase Dolopini. Nelinjanina nalipina iyeza liko, okanye linoku fumaneka ngexesha elifutshane. Kanilinge umxube ka B. G. L. we Fiva (cesina)ongekoyiswa. Imali inqabile ke kunga banjiswa nge gusha ne bokwe nanye impahla ilinganiselwe ixabiso layo. Elona gosa likulu e Transkei, ngu

**P. H. POTTER.**

**Inyama ne Zonka,**

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

**JOHN J. IRVINE & CO.,**

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele  
beza Mankazana,  
E QONCE

Ezamadoda Ihempe, 1/-1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/-

Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2.5d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3.5d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

**THOS. H.**

BATHURST STREET,

E RINI

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge

NGUBO ZENTLOBO ZONKE

AMAFELANE

NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle. Yena utengisa ngenani eli linganayo ko Ntsundu nako mhlope.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,  
KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),  
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu nguminiwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kaulenza uku neceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwe- nziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno enginqwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).  
Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe oka, nezinye inlunu.  
ELONA (Specific).  
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-AFRICA (Africanum).  
Umciza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo. UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamchlo abulalayo.  
UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungavi Ngasese. ukungatandi kudla, icesine nento ezinjalo.

UHLIKHILA (Embrocation).  
Amafuta omti, okupilisa ukuqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuzakaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soothe).  
Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka., nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).  
Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).  
Iyeza elijunge kunene kwizifo zokuba butataka ukungatandi nti itjwayo.

UBUGQI (Magic Healer).  
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa kwezilonda njalo-njalo.

IGUDISA (Emollientine)  
into elunge kunene elanjiswayo ebezwa bububule bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).  
Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo sokuhamba igazi sendele.

Izalatio zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhofilana nezi tofilana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufezekileyo angaze angapilisi iamayeza. Ngektungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweq sokulumkela okungekhehli.  
Akanidwa enziwa ngu JESSE SHAW. Igqira elisebenza ngemiza, e Bhofole, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zalé Koloni yonke e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya

AMAGOSA ALAMAYEZA—  
E Qonce- Dyer & Dyer, Malcolmess & Co., D. Drummond & Co.

E Ngamakwe—Mrs. Savage.  
E Monti—B. G. Lennon & Co  
E Rini—E. Wells.  
E Dikeni—R. Stocks.  
E Komani—Mager & Marsh.  
E Bhayi—B. G. Lennon & Co  
E Engusha—A. V. A. Young, Esq.  
I kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukanga-lise lamayeza abalulekileyo.

Elika  
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo, 1/6 ibotile.  
Elika  
COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.  
Aka  
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d. ibotile.  
Elika  
COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.  
Ezika  
COOK Ipils 1/ ngebokisana.  
ncindi Yezinyo. 6d. ngebotile.  
COOK Oka Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.  
Oka  
COOK Umgutyana Wamchlo 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Mr. J. A. BRIDGE.

Igqira Lamazinyo,

No. 1, DOWNING STREET,,

E QONCE.

## Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi sa-ziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya. Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu uze eyipeti imali kuzo zonke evenkile zake kwela Mamfengu. Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa. THOS. MORIARTY. 5 August, 1886.

## M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,  
*E-Bhulorweni nase Durban Street.*

Ngoku bazilungiselele ukurola awona maxabiso makulu

*Ngoboya, Nezikumba, Zenkomo, Nezebhookwe, Nezegusha.*

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kule-dolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

## ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela izi tampo nokuba yi mali ehamba ngepepa l-positi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga paandle ko *Mpilisi Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,  
Igcisa Lemiciza.

The Laboratory, Fort Beaufort.

## HARTIGAN & CASEY.

Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ehambayo kanye ngenyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ehambayo nokuba yekababina. Ubani uyinikwa emva komsito imali. E Qonce, 20 July, 1886.

## Ko Titshala.

KUFUNWA o Titshala abane ziqiniselelo kwi Simnari yase St. Matthews' (e Mtwaku) Keiskama Hoek. Kubhalelwa kutunyelwe iziqimiselelo zesimlo nemfundo ku Rev. CHAS. TABERER. October 30, 1886.

Isikolo Sabafundisi, ne Somsebenzi.

ST. MATTHEW'S, KEISKAMA HOEK.

KUKO indawo yamakwenkwe antsundu kumashishini oku Khanda Ibhakile, noku Khanda Intsimbi—nokwenza Inqwelo, noku Cwela, kwesi sikolo

Bhalelani ku REV. CHAS. TABERER.

SIKOLO SASE MTWAKU.

KUKWAKO indawo yentsapo efundayo kwindlu yododana.—Isikolo siyakuvulwa kwakona ngo 24 January 1887. CHAS TABERER.

## NDIBELWE

NDIBELWE ngomhla ka December odluleyo apa ku Tsolo ihase elibomvu, liminyaka mine liyi "Hantom," linomtshiso ong J.U. itshoba linqunulwe, nomda esinqeni ngase kohlo, nokulunywa ngamanye.

Ondilandisileyo ndomvuza ngokufanekileyo. J. KUZANE.

## NDIBELWE!

IMAZI ebomvukazi; iminyaka yalo mihlana; linekolo ebunzi ete incam pezulu yokelo leyo yanokutyeka yatyekela kwicala lase kunene. Linentsumpa entanyeni kwicala langasekunene, kwanenye esilivini. Itshoba alilide kakulu pofu alinqanyulwe. Alilide noko. Ndiipeni amehlo mzi wakowetu.

KLAAS LOTSHA,  
c/o DYER & DYER, King William's Town. 14 January, 1887.

## NDIBELWE.

HASHEKAZI elibomvukazi, amanqina asemva amhlopo; linekolwana encinane; litiwe cipu-cipu kwindlebe zombini. Itshoba alilide. Linamabalana emva kwendlebe zombini enziwe ngabom; liyaqala ukumita, ngumlazakazi omde olingana nenkabi. Lilahleke e. Rabula ku

JOHANNES CWEBE.  
Ezanyokwe o/o Mr. J. MURRAY Debe Nek.

## IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

# IMPAHLA ENTSHA

KUSAND' UKUFIKA KWA  
PASCOE

ITYALI ZETU ZOBOYA, zitsala igazi.  
ITYALI ZETU EZILUFIPA, zipandla ilanga. INGUBO ZOMTSHATO EZENZIWE kakuhle.

Kwa nentyantyambo nezizigqubutelo ngamaxabiso apantsi kanye.

INGUBO ZOKUTSHATA ZEKABA ZIYASIKWA ZITUNGWE.

IKELEKO, ILINZI, IPRINTI. INTLOBONTLOBO ZE- LOKWE ZIKWAKO.

## BANTU ABANTSUNDU

*Lempahla iyakwenza intliziyo zenu zibete. Yizani kutyebisa amehlo*

Paulani amagama ka PASCOE  
AMADODA ati ngu SIGINGQI. ABAFAZI bati  
ngu SILINDI. UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

UNGA UNGAGCINA IMALI NA ?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

BROOKS,

63, BATHURST STREETS

E RINI

I SUTI siqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala kwi 5/6; Ibhayti kwi 7/6; Ihempe kwi 17/, njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu. U BROOKS utengisa ngezona suti zobu jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomyalelo ngabasiki base London. Qiniseka ukuba ziyaku kuhlala—ziqala kwi 40/; Ibhulukwe 12/6. Amakulukulu entlobo ngentlobo onganula kuzo.

Xa umntu aye kusika ushuya 10/- angati ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkoli. sanga.

## W. BROOKS & CO

Abatengisi bengubo zokunxiba,

E RINI.

U GENRICKS umgcini wentolongo wase Springbokfontein kwelama Qwelane ekwafa umbanjwa ongu Jacobus Malgas ngenxa yoku patwa kakubi nguye unikwe inyanga ezintandatu entolongweni yi Jaji Enkulu e Kapa.

U C. Davies obe ngu Nobhala we ggugula elipete isiqingata sase Komani kudala, ngoku use nkongolweni. Wayebe imali wazimela ngenqanawa waya e Australia, zamkulela intswelo kwelozwe ebuye selixgaxga elinqinileyo nje-

I KUMKANI yase Rashiya (Czar) ati amapepa ipambene ingqondo.

UMBUTI we Rafu yezinja walapa e Qonce selehamba ebiza i hafu-golweni ngenja nganye efuyiweyo; urafisela nezibotwana ezincinane zengqeqe.

LITI ipepa lase Kapa i "Excalibur" lento izititi zelizwe zingama yilo zonke, kungeko side satyandusela ebucikweni senziwa kuba zitya inyama ngokugqitileyo emgcini wayo. Liteta into ebonakalayo kuba kwintsapo zetyityebi Ezintsundu ezondliwe ngokusela nokuncinda amafuta ikolisa ngokuba ngqingdilili.

UMGCA uqale kule veki igqitileyo ubonakala ezulwini ngase ntshona langa.

E FRANCE bekuko ixegwazana elinama-shumi amatatu anambini eponi ahlahle eginyelwa amate lusapo lwake engalupi nepeni ebomvu. Lite lisandukulala ngobunywe ubusuku batata igogogo lepalafini bayiti quba pezu kwalo yonke, waye omnye sele lalele ngesikumi esivutayo lati xa liqala ukuvuka balitshisa lavuta lapela, bayitya lomali. Siteta nje babanjawe-

I MANTYI yase Rini imdle iponti u Roger Shaw ngenxa yoku kwivela ngamate umtakwabo u John Shaw xa bebe ngxilolana.

U MR. H. PUGH obeke eyi Mantyi yase Dikeni wenziwe inkosana yama polisa.

AMADODA angama shumi amabini anamabini abese nye pambi ko Gwebecimile i Mantyi yase Monti ngenxa yokulwa ekwafa umntu kuko ngexesha lale miqomboti ye Nyibidala, alindiselwe i Jaji onke. Kutiwe angamelwa nge £10 inye, ngapandle kuka Tela omelwe nge £25.

KWELE Golide kuko nama nenekazi ate- nge iziqiti amba kuzo igolide.

E BHATISI indoda engu Mr. Mc Nally ebi hlwayele ingxowa ezintatu ze rasi iyibhulile yafumana ikulu eline ngxowa ezine:

UMFANYANA ohomba kunene u A. Ngcoza ute akuswela imali yokutshata e Dayimani weba amashumi amabini eponi (£20) imal yomnikazi-ndlu abe hlala kuyo. Liyatetwa elotyala yi Jaji nomtshato usemi.

KUKO ulure lokuba kuza kumiswa iJaji pesheya kwe Nciba, nakuba lonto iyakuke ingene e Palamente kuqala.

INTLANGANISO yaba Fundisi aba Ntsundu bama Wesile ebise Komani ngeveki egqitileyo inyule u Rev. C. Pamla no Mr. John F. Mazamisa wase Hlobo abaya kuba ngamehlo nomlomo ne ndlebe ze Ramente yesi siqingata kwi Ngungqutela (Conference) eyakuba se Dayimani ngo April.

AYAXOKOZELA onke amapepa alwa no Rulumente kuba enze u Colonel Minto Imantyi yase Gqili ekubeni ebeyi Nkosi yama polisa engazi nento ngomsebenzi wobu Mantyi.

KUKO ityala elipambi kwe Mantyi yase Kapa lendoda nomfazi wayo abebe nabantwana ababini. Kubonwe engaseko omkudlwana bati bakubuzwa abamelwana kwatiwa wafa alaxelwa ingcwaba lake. Nomncinane ubonwe engaseko, naye akaziwa apo bamngcwabe kona abavumi ukuxela.

KUVAKALA ukuba u Mr. Offy Shepstone uzakwenziwa i Mantyi yase Swazini.

UMFAZANA womlungu ulushiye noyise usana waya emdanisweni ngokuhlwa. Lute ngenxa yokukala kwalo uyise waya kubiza unina, yasuka lonto kazi yati ukupe-ndula "Go to Jericho" wapuma seleroqozela kudana yilonteto wafika walutata usana walusa, wamnika lukala njalo pakati kolotuli lalawomtabalazo abengaziwa kuwo ukuba unosana. Akazange abuye aye emdanisweni.

U W. H. SMITH wase Dayimani odubule umfazi wake nge pistoli ulindiselwe i Jaji. Ubemqatu.

KUBE kubi sakuva ukuba u Mr. J. J. Mca-nyangwa ititshala yase Tshatshi e Monti iyafa kakulu, ngati ite pit' ingqondo.

U BANGANI wase Rini unikwe inyanga ezisitoba entolongweni yi Jaji, ube mangalelwe ngu Yapi nomkake bati wayetshisa indlu yabo, ude ukuzitetelela wayetshaya eyame ngendlu ngenxa yomoya.

KUKO abafana ababini bama Frentshi ababulelele umntakwabo opakati kwabo ngokuzalwa e Paris. Ubenemali emnzi bekohlwele ukuba bangayifumana ngandlela nina. Basi-nqungqile isidumbu sake basipeka ndawonye nokutya kwe hangu. Babanjawe.

NGOLWESI-HLANU olugqitileyo kuko umfo ofe ngebhao e Tyolomnqa. Bekutinjwe inkomo zake ngenxa yerafu, wazitintela ngokuti uza kubhatala kwangalomni. Uqukezile ukufuna lomali ate akuyifumana weza kubhatala e Qonce, wabuya kwaoko: Ute esawaxelela amapolisa ukuba inkomo zake zikululekile, wasuka wajuba wawa, kanti kupela. Abanye bati ubulewe sifo sentliziyo uvuye ngokugqitileyo, abanye bati umiwe lipika.

U MR. VAN ZYL upumile ekumeleni i Doloro naba Tembu e Palamente, kufuneka kunyulwe omnye umntu. Ningazikohlisi ke ekunyuleni kwenu mhlambi wakowetu, ni-nyule indada emvo zifana nezenu esisiteti; indoda enjalo ke inye kwelozwe lonke ngu Dr. Berry wase Queen's Town celani yena.

U MR. GLADSTONE uwugqibile umnyaka wamashumi azixenxe anesixenxe, noko use-nokuma iyure ezintatu eteta e Palamenteni yase Ngilane.

IGQWETA le Nkosazana lalile ukuba asiwe ematyaleni u Sidney Cooper umhambisi ncwadi walapa e Qonce, ekwakutiwa waroloshia imali ezincwadini awayezisa kumnika-zizo zipuma eposini.

U JACOBUS JAS unikwe iminyaka esixenxe entolongweni yi Nkulu ye Jaji e Kapa ngokugqoboza indlu ka Nicholas Klaas ebusuku emke nempahla.

"BIG BEN" ligama leliwa elikulu ngase De Kaap ngase Swazini ekutiwa onke amatye alo ane golide.

IKABA elintsundu lase Alvani lilikupe kwa mdaka elase Bekesdolopu ebholeni.

KUKO umfo onengqakaqa e Alvani.

U RULUMENTE ufumene ucingo oluti e Jagersfontein kuko abantu ababini abanengqakaqa bayafika bavela e Komani.

KUYAZISWA komkulu ukuba umntu angayikupela iflora yake nakusipina isitishi sika loliwe kungabizwa nto ingapezu kwaxa aye kwesikulu.

UMGCINI sitishi wase Metele u Mirfin obe baleke namakulu amahlanu eponi (£500) uye kubanjwa e Winburg.

ABELUNGU aba 5 Emlazi, e Natal badliwe iponti emnye ngokubeta umfo owabamba intombazana yomlungu endlle.

U SPELMAN owatsiba ebhuyiwe kuloliwe e Natal ngo May, ubanjawe wanikwa inyanga ezintatu entolongweni.

IKUMKANIKAZI yama Tonga itume amapaki aye kwi Ruluneli yase Natal icela ukungena pantsi kwepiko lika Rulumente.

UMFANA udliwe ishumi lesheleni ngu Mr. Barter, imantyi yase Natal ngenxa yokugila intombazana yomlungu.

INKOSI yama Swazi itumele ilizwi elibuka- li ku Rulumente wase Natal ukuba abuyise amantombazana amabini awemka nomfundi esebenza kuye oko ebekwelama Swazi. Imantyi yase Mlazi iti kulowomfundisi wase Pinetown makawatumele lawo mantombazana kuba uyakudliwa £50 ukuba akabakawulezisi.

IBHOLA zekaba elintsundu zinomkhuna, wokuhlala kwaxatyanwa; nokudela i" Umpires," ukuti yakuti ufile aquambe umntu emke embomba. Asikokudlala kobunene oko, iyawa ngenwa ngobuntu obumnyama into yase Mlungwini, yiminale!

## ISISULU

MPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo isisulu! isisulu! e Qonce ukangele emarkeni.

[JANUARY 26, 1887.

NGOLWESI-TATU JAN. 26, 1887.

kebo lika

Rev. P. J. Mzimba

SATI ngokulandela

esi siteto" wa- "kuziyeka izinja xa zizi- "laleleyo" asabi nanto siyitetayo ngecebo elenziwa ngu Rev.P.J. Mzi-MBA pakati kwenteto yake ayilesa pambi komlisela ofunda e Dikeni, waza wasicela ukuba siyishicilele kulemihlati. Elocebo leli:— Amakade ebona ama Afrika la ase Amerika makawavuse iselishesha ama Africa alapa e Africa ukuba ahlukane nento zolaulo ngelishesha. Masanele kupatwa ngabamhlo- pe. Into zolaulo masivele kuzo xa ngo sise- nzela ukomeleza lawo madoda amhlope ata- nda ukusinika izikolo nencwadi.

Lide lacana ipepa lase Bhayi i *Telegraph* ukuti elicebo " livela kum " Xhosa libhekiswa kwamanye " Amaxhosa, lingacelwanga, enga- ' lixelelwanga bani, engalatiswa- " nga bani," lisuke lazimangalisa izihlobo zetu, lavuyisa intliziyo ze- ntshaba zamalungelo etu. Iti i *Cape Argus* : " elicebo belifanele ukuyi- tutuzela imipefumlo yalempi yo- " yikela ukuba i Palamente iza ku- " behle izale yinto eninzi yabantu abamnyama." Lize libuye liti kwa elase Bhayi: " lingati elicebo " ke laqutywa kwizikolo zonke zeli lizwe kungaba kwenziwe into " enkulu engabangela umoya wo- " kwanela nowolulamo kuma Bhu- " lu." Latsho lanyanisa kuba i *De Zuid Afrikaan* ipepa elingumlomo wama Bhulu e Kapa liqala ngoku- vakalisa " ukumbeka okukulu " kwalo u Rev. Mr. MZIMBA, lize li- ngakolwa ukuba amehlo alo apilile na xa lifunda lenteto yokude u Mr. MZIMBA anike abantu abamnyama icebo elilunge kangakanana.. Lona liti oludaba lulunge ngapezulu ko- kuba lube yinene elicebo libhekiswa kwabantu zide zakolwa zanca- ma lilo izikulu ezinjengo Sir GORDON SPRIGG.

Xa sikangelela amalungelo aban- tu Abantsundu, into enjengale ukuhlantlata emnyameni ayikazange ipume emlonyeni womntu. Kuse kuhleni ukuba u Mr. MZIMBA umke nento eyenziwa e Amerika emakabe kuko incwadi ayibone kuyo wati ukuyifunda oku wazingcwaba kuyo. Yiyo lento ate ukuti balulu kwake waxela u Don QUIXOTE selehamba egwaza amatye etata abantu belili- zwe ebananisa nabantu abamnyama base Amerika. Uliblele ukuba la- wama Afrika ase Amerika soloko aba ngamakoboka, ekubeni " ama- Afrika ase Afrika " afika Ama- ngesi etshone bendela kwinto zo- laulo ngangokuba angabi nalo nex- sha lokunyamekela into eyiyimbi. Wenza umtsi u Mr MZIMBA kule- nyaniso yokuba xa umntu omnya- ma walapa umhluta eli lungelo lo- kuba nomteteleli ebandla uguqula isimo sake semvela, into elula ke leyo ngomlomo kanti inzima ukwe- nyulwa. Kanjako umfundisi ngati akazi ukuba lampato yase Amerika kudala yaba " njengomfazi kaLoTE " ukushiywa kwayo ngawo onke ama- zwe azamela ulaulo olundilekileyo; ekubeni kolu sikhala kulo lo Mntan' Omhle Inkosazana—ngamama anga- laula ixesha elide—sikulaulo oluna- bantu abangabateteli olumsulwa.

Angatinina u Mr. MZIMBA ukwe- nza icebo elinje xa ngoku inkoliso yamagwangqa itelela entetweni ye- pepa lama Bhulu i *De Zuid Afri- kaan* yokuba " umntu omnyama enziwe eve ukuba umlungu ngu Baas." Lonto ke kutetwa uku- buyiswa kobukoboka nokulaula kwe sabokwe. Xa bapatswayo abantu abamnyama kwinto zolaulo Amange- si ayakoyiswa ngama Bhulu e Pala- mente lonto ke iteta ukukhula kwob- ukosi bama Bhulu nemvo zobu Bhu- lu ezingaziwa mntu into ezuya kuba yiyo ngexesha elizayo, kodwa okwa- ngoku zezobudenge nokusebenzela emva. Kona siyakutini ukuxhasa " abatanda ukusinika izikolo ne- ncwadi " xa singapandle kwento zolaulo ? Hlala ngokuncama mfo ka MZIMBA: Wakukanyela! ya- gqita imihla ebebesiti abantu bene- ngqondo zabo bavume ukuba babo- tshwe izandla nenyawo baposew esi- dlangalaleni somlilo wento zolaulo welilizwe. Uze ungamangaliswa ke wakubona amakowenu engavumi ukulilandela elocebo lako elibutwa- nara lokuba " bavale amehlo zeba- "vale imilomo "



4

manack, 3. Teachers are required to hold school as nearly as possible from 9 o'clock a.m. to 1 o'clock p.m., and the classes for sewing are to be held in the afternoon. -1. Teachers are required to prepare the children for inspection and examination in strict accordance with the published table of standards. 5. The school registers must be made up at the end of each week, and the attendance in sewing-schools is to be marked. 6. Any scarcity of school materials (such as books, slates, pencils, &c.) should be, as soon as possible, reported by the teacher to the missionary-superintendent of the school. 7. Any teacher who has been connected with the Department of Public Education, as a Teacher, for five years or more, is requested to mention the fact to the deputy-inspector when he makes his inspection. 8. It is the duty of all headmen schools to see that the local contributions are duly paid to the teachers, and to report to the deputy-inspector or the missionary-superintendent of the school any neglect of duty (such as being absent without leave, keeping short hours, etc., &c.) on the part of the teachers of the schools situated in their respective locations. 9. Teachers are required to keep a copy of these rules, together with copies of the Public School Almanack and table of standards, posted in a prominent position on the walls of their respective school-rooms.

The various District Committees of the Wesleyan Methodist Church of South Africa have this month been holding their sessions. The Graham's Town District (English) Committee has been sitting at Port Elizabeth. The state of the work generally is described as hopeful. This District sends the Rev. T. A. Chalker and the Rev. R. Matterson to represent it at the Conference, which will be held in April at Kimberley. At the Native Committee held in November last at Graham's Town the Rev. G. Kakaza and Mr. Philip Job were chosen as representatives of the natives at Conference. The Queen's Town District Native Committee has elected the Rev. C. Pamla and Mr. John F. Mazamisa to Conference. The meeting of the Clarkebury District Committee was held last week at Umata. Among changes that it has affected may be mentioned the removal of the Rev. H. W. Davis, B.A., from Clarkebury Institution owing to the large reduction of the Government grant. The Rev. R. Walton Dewis is down for Buntingville Institution, where the Rev. J. S. Morris is disabled by illness. The representatives of the District at Conference are the Rev. J. W. Househam and the Rev. W. S. Davis, Mr. Walton Lewis being substitute.

NATIVE travellers (of what standing no matter) have no greater nuisance than the eternal Pass. Circulars upon circulars have been issued by Ministerial heads of Departments in Cape Town pointing out the exact scope of the Pass Law, but the police do not desist from harrising natives about it, nor—*mirable dicty*.—do Magistrates cease from convicting our people. Shades of our forefathers! What are your off-spring to do? We are led into these remarks by the case of the Queen vs. Jonas, which was reviewed by Judge Buchanan the other day at the Eastern Districts' Court, in the course of which he administered a scathing and a well-merited rebuke on Magistrates who do not know their duties. His Lordship referred to the above case, which was one of refusal to show a pass when called upon to do so by the police. Jonas was not a "native foreigner" and was well known to the police, having himself been in the force at one time. He was arrested, which was an illegal act. His Lordship remarked that the police must have good cause to demand the pass of natives, and have reason to believe they are native foreigners before they make the demand. There should be a discretion on the part of the police, and they should be very careful in using their authority. The judgment pronounced by the Magistrate in this case must be set aside.

THE resignation of Mr. Van Zyl from the representation of Woodhouse in Parliament is announced; and it has come not a bit too soon. The leaders of opinion in the constituency are casting about for a suitable successor, and the names of Mr. J. L. Bradfield, Mr. G. G. Munnik (lately Magistrate at Barkly East), Dr. Yair, and Mr. H. E. Haise are already mentioned in connection with the vacant seat. The first named gentleman represented the constituency during the time of the first Sprigg Ministry, of which he was a supporter. When Sir T. Scanlen took office he also received the support of Mr. Bradfield. In connection with the execrable robbery of the natives' lands at Glen Grey he espoused the cause of our people. Therefore, while we cannot say what amount of backbone may be discerned in Mr. Bradfield's principles, we certainly should prefer him to the other gentlemen, who are either callous and careless as to native interests; or, as Mr. Munnik, thoroughly inimical to them. We heartily deplore the shortsightedness of the *Frontier Guardian* and organ of Woodhouse in pledging itself to oppose all candidates who are not of the charmed circle of Dordrecht and district; for we should deem the present a splendid opening for sending to Parliament so enlightened and enthusiastic a politician, having the interests of the Border at heart as Dr. Berry of Queen's Town. We think the native voters of Woodhouse ought not to pin their faith to any candidate before asking and being disappointed by Dr. Berry. In this they would be supported, we are satisfied, by a considerable number of well-disposed Englishmen. Gentlemen of Dr. Berry's stamp are now wanted in Parliament.

"REMOURS have been current here," says the *Northern Post* (Aliwal), "during the last week that Sir Hercules Robinson will shortly visit Basutoland, and that the gallant Commissioner of that territory (Colonel Sir Marshall Clarke) has been offered an important command in Burmah. The Governor would doubtless receive a very hearty reception if he paid this part a visit, but we sincerely trust that the rumour is unfounded with regard to Colonel Clarke's removal." We cordially sympathize with the observations of our contemporary respecting Sir Marshall Clarke; and feel that the removal of that officer from Basutoland would at present be nothing short of a calamity.

## Kwabo bafuna Into ezintsha

ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

## Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa  
Nakwa-Ndabakazi  
HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitira sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southeyville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

**JOHN J. IRVINE & CO.**

**GEO. B. CHRISTIAN & CO**

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

**Hardware and Ironmongery,  
BUILDING MATERIAL,**

**Groceries & Oilmen's Stores,**

BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES,  
Pots—Kafir Hoes — Red Ochre—Cutlery, &c.—  
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

**GEO. B. CHRISTIAN CO.**

**CHARLES J. STIRK,**

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayitengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE,

**E-RINI.**

Isaziso sika Rulumente.

**IRAFU YOMNYAKA  
WE 1886.**

**B**AYA ziswa abantu Abantsundu bom mandla wase Qonce ukuba Irafu yomnyaka we 1886 eli shumi le sheleni ngendlu kufuneka ibhatelwe ngosuku lokuqala ku January, 1887. Bonke abantu Abantsundu abazi bhatala ku Mr. Dick ezabo i Rafu mabazise kuye; abamele i Xesi bazise ku Mr. King, abamele u Qoboqobo bazise ku Mr. Verity.

Umninindlu ngamnye unikwa ixesha lokuba anga bhatala kwesi situba singaneno komhla wa 31 ku March. Kodwa emva kosuku lwa 31 ku March bonke aba ngeka bhatali iya ku tinjwa impahla yabo, ekwenziweni kwa lonto ke bosebe bhatala ne ndleko ngapandle kwelo shumi le sheleni.

Ngoko bonke abantu baya vuswa ngobubele nange nyameko ukuba balitatele pezulu eli lungelo loku vuswa, bazi bhatala i Rafu zabo zezindlu nge xesha eli fanelikeleyo pambi kosuku lwa 31 ku March ukuze bazi sindise kwi ndleko ezi nzima ezi kabo xa kude kwa tinjwa impahla yabo.

W. B. CHALMERS,  
Imantyi.  
E Qonce, 22 December, 1886.

**IMALI YO MHLABA**

(QUIT RENT),

**E-Kamastone nase Mta**

**QONDANI.**

**A**BANTU abane Ziza na *Masimi* kulemimandla ibalulweyo, bayakunjuzwa ukuba Irafu yomhlaba yakwa Rulumeni ilindelwe ihlulwe kwi Ofisi yo mongameli wa Bantsundu e Kamastone ngo Mgqibelo 1st January, 1887.

Imali eyakuti ingahlulwa de kugqiti usuku lwa

31 MARCH, 1887.

iyakubizwa ngegunya lomteto. Okusakubuye kubeko saziso ngapandle kwesi.

EGBERT GARCIA,  
Umantyi.

Kwi Ofisi ye Umantyi,  
Queen's Town, 23 Dec., 1886

Ololiwe bo Rulumente wase Kapa.

**I**NDYELELO EZIMFUTSHANE kunye nyo sapo ukuya e Lwagibeni ngezi nyanga ze Hlobo. Kutatela kolo 1 December kuse ko 31 March, ITIKITI ZOKUBUYELELA ze klasi yo 1 neye 2 neye 3 ziya fumaneka ibe ye ye nyanga yonke ukutatela kolo suku yamkelwa ngalo, kuzo zonke Izitishi umgama ozi mayile ezi 60 nongapezulu uku suka elu Nxwemeni lo lwandle ukuya EERSTE RIVER (usinga e Somerset Strand), E KAPA, E MUIZENBERG, KALK BAY, E BHAYI, nase MONTI, nge mali yoku singa paya yodwa, cintsi intwana ngapezulu (ngapandle kokuba ezoku buyelela kade zinoku fumaneka ngelo xeshalingako.) Itikiti ezikwanjalo zonikwa KWI NTSAPU YENDLU bangabi ngapantsi kwe sine (Abakulu babe babini, abantwana babe babini, okanye abemnye omkulu babe batatu abantwana) nge mali yoku singa paya yodwa, cintsi intwana nga pezulu. Lingolulwa ixesha lezi Tikiti libe vekintandatu xa umntu aya kongeza isheleni ezi ntlanu nge Tikiti nganye xa asele lwagibeni pambi koku buya. Umhambi ngamnye wovunyelwa ukuzi patela impahla yesiqu ebu. nzima bupindweyo anga bizwa nto.

C. B. ELLIOTT, Umpati  
Omkulu. E Kapa, Nov. 18886.

**QONDISISANI!**

Ngexesha lokutengiswa ko

**BOYA.**

Ikeleko

Ne Printi

Neminqwazi Yamadoda

Iswekile

Ne Kofu

No Mgubo

Zitengiswa ngama xabiso apantsi kakulu.

**Kutengwa yonke into no Boya.**

KWA

**W. O. CARTER & Co.**

Kwi Bala lika Makeleni,

**E-QONCE.**

**W J. DEALYT**

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa.

*e-Town Hall Kwisitira esinga pantsi esesitatu, No. 3, Kwinkundla ye marike, E-QONCE.*

Uhlahla aba nento eninzi yotnbona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo-njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma calana onke e-Koloni.*  
Neombona omhle kunene ovela pesheya kwe Neiba awutengisa tshipu kanye.

**W. J. DEALY**

**U**TENGA Umbona, na Mazimba. Nokuba kuninzi ngalupina uhlobo okokutya uya kuku rolela ixabiso elipezulu kanye lase Markeni e-Qonce.

ISAZISO.

Indawo Yokuti-Kotso ko Kotsundu.

INENE LAKWA

**QOBOQOBO** Liyacele kulolonke uhlanga Olontsundu. Okokuba umisa indhlu yoku xasa abantu abantsundu Ngokutya Ngokutyisa abo Amahashe

Nangobuhlanti xa ba quba impahla. ozinkomo kwakunye nempahla emfutshane eyakubiza amanani alula.

G. FRAUENSTEIN.

**KWA G. WHITAKER,** kwi-venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.

**J. G. NICHOLSON,**  
*Igqweta elise zincwadini zakomku/ u nomteteleli wama Fandesi,*  
**E-NGQUSHWA.**

Ulungisa amafa. Uguqula amagama e-Tayitile. Uquka izi kweliti zi Bhatalwe kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukaula.

*Uli Gosa le Colonial Mutual Life Assurance Society.*

YIYANI KWA

**C. A. JAY & CO..**  
**E QONCE,**

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza

Imela ne Folkwe

Ikoyi—Ikomityi ne Pleti

I Lampi

Impahla Yendlu. Yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

Lishicilelelwa umnino, u JOHN TENGO JABAVU ngu HAY BROTHERS, *Smith--Street,* King William's Town